



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2017

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P3**

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linama CANDELO AMATHATHU:

- | | |
|-----------------------------------|------|
| ICANDELO A: Izincoko | (50) |
| ICANDELO B: Imihlathi emide | (30) |
| ICANDELO C: Imihlathi emifutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ube mNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.

4. Qala iCANDELO ngaliNYE kwiphepha elitsha.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo.
Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-

- 80 kwiCANDELO A.
- 40 kwiCANDELO B
- 30 kwiCANDELO C.

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.

9. Nika iimpendulo nganye isihloko esichanekileyo. QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. UBUDE BEEMPENDULO:

ICANDELO A: Izincoko - Bhala isincoko esili-190–240 amagama.

ICANDELO B: Imihlathi emide - Bhala ama-80–100 amagama.

[umxholo kuphela]

ICANDELO C: Imihlathi emifutshane - Bhala ama-60–80 amagama.
[umxholo kuphela]

11. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190–240. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuYILA.


- 1.1 Ndingavuya kakhulu xa inokubuya loo mini. [50]
- 1.2 Ubusela. [50]
- 1.3 Xa ndinokuphumelela isixa-mali kwiLotto. [50]
- 1.4 Ulwazi oluncinane. [50]
- 1.5 linkokeli zopolitiko mazibe ngabantu abatsha. [50]
- 1.6 Indlovu ayisindwa ngumboko wayo. [50]
- 1.7 Funda le mifanekiso ingezantsi ubhale isincoko ngalowo uwukhethileyo. Sinike isihloko isincoko eso.

1.7.1



[Uthathwe kwi-intanethi] [50]

1.7.2



[Uthathwe kwi-intanethi]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha umhlathi omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-80–100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathi lowo. Khumbula ukuYILA.

2.1 ILETA YOBULHOBO

Bhalela umama wakho umcele ukuba akwenzele itheko lokuzalwa.

[30]

2.2 I-OBHITSHUWARI

Bhala iobhitshuwari yesihlobo sakho.

[30]

2.3 INQAKU LEPHEPHANDABA

Bhala inqaku lephephandaba Isol'ezwe ulumkise abafundi balo ngobundlobongela obuxakileyo ekuhlaleni.

[30]

2.4 INGXOXO YABABINI

Bhala ingxoxo ephakathi kwabahlali ababini abaxoxa ngekamva IoMzantsi Afrika.

[30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

UMBUZO 3

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kweli CANDELO. Umhlathi lowo ube ngamagama angama-60–80 ubude. Khumbula ukuYILA.

3.1 ISIMEMO

Bhala isimemo somtshato kabhuti wakho.

[20]


3.2 IPOSIKHADI

Bhalela umakhulu wakho iposikhadi umbalisele ngendawo ondwendwele kuyo ephesheya kolwandle.

[20]

3.3 IZALATHISI

Yalathisa umhlobo wakho indlela esuka *eUniversity college* eya *eM hospital* ahambé elandele iintolo (ii-aro).



[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100